KWABAZA KUTSHATA:

KANIPOS'AMEHLO APA!

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

# PASCOE (kwa " FOLOKOCO,")




ITYALI ZETU-UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nombona kona SALUFU.

# GIBBERD and BRYANT.

# Ifandesi Elikulu!

# *AMANAN' ATOTYIWE*

## ITENGISWA NGOKU.

## GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

KOKSTAD ADVERTISEMENTS.

## V. DOLD AND CO.,

## E KOKSTOD,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH. Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo akwuye kuvela kwa V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.

Ololiwe baka Rulumente belase Maxhoseni.

## INGUQULO KWI TRENI ZABA HAMBI,

KUSUSELA kwi 1st JULY, 1891.

Inguqulo ezinkulu ziya kwenziwa kwi Treni Zabahambi ukususela kwi 1st JULY, 1891. Ngencazelo ezeleyo kangelani kwi Zalatiso-Maxesha (Time Tables) ezishicilelweyo ezinokubonwa kwi Zitishi zika Loliwe.

T. R. PRICE, Traffic Manager.

Chief Offices, East London Terminus, June, 1891.

ELIKA

# ORSMOND

## IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISIWEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwa Gazi, nokuba sihla bumini, ukule nano, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, nialo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngalo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsunda base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba necwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo knpela ngu

## G. E. COOK

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

OLUKA

## Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka JUNE.

JXESHA lokutyala i Imiti ye Ziqamo, Fruit Shrubs, Roses, Idiliya, lilo eli, ngazwinye yonke imiti evutulukayo ebusika; i Strawberries, Rhubarb Roots, Horse Radish Roots, njalo-njalo, nazo lixesha lazo.

Abafuna ukutenga bayakunjuzwa ukuba bangafumana kuti, ngapandle kwexabiso, Uluhlu lwezityalo ze Rose ne Miti Yeziqamo yelixesha, kunye namaxabiso ayo, ekukwako namanqaku axela ngokulungiswa komhlaba nangokutyala.

HLWAYELA i Ertyisi, Imbotyi Ezibanzi, Amatswele, Lettuce, Radish, njalo-njalo.

I Pansy, Stock, Pinks, Snapdragon, Candytuft, nezinye intyantyambo ezilukuni zisenokutyalwa.

## W. & C. COWIE,

GRAHAM'S TOWN.

*Telegraphic Address;*

" OATLANDS."

## Isikolo Sentombi.

I SHAFTESBURY HOME and Gills' School, Peelton, iya kuvulwa kwakona ikuqala umsebenzi nge 23 JULY, 1891.

L. STURROCK.

## IMFAZWE, Imfazwe, IMFAZWE

KWA KOMANI.

*IMBHUBHISO ENKULU EMANANINI !*

YONKE into itotyiwe, kwaye kufuneka itengiswe insinya. Buzani kubo bonke abatengayo bayakuti —Itshipu, itshipu kakulu. Ke ngoko sindisani imali yenu ngokuya kubona

## 0 HADNOTT & Co (Magqadaza),

QUEENSTOWN,

Ukuba nifuna Iblankete Ezintsha, Ityali, Izibhalala, Idyasi, Iprinti, Iminqwazi, Ihempe, Itshefu, Izihlangu, Isali, Imikala, Ihaltire, Ipuluwa o No 75, njalo njalo.

Kananjalo sesona Sitora silungileyo, sitshipu apa e Afrika esinika awona manani apakamileyo ngo Boya, ngobe Seyibokwe, nge Zikumba, njalo-njalo.

Kengoko ningalibali igama nendawo

## Magqadaza, e Queenstown.

Bahambi; buzani, kuba wonke umntu uyayazi lendawo. Esona Sitora siyinceke. Umhlobo wenu omdala u Mba Nyaru uya kunitengisela.

## UMHLABA

# OTENGISAYO.

KUYA KUTENGISWA NGE MVUMELWANO, Leyo Fam Ilunge ' Kunene ekutiwa yi

## *ELLIOTDALE;*

Kufupi nomlambo oyi Cicira, malunga ne mayile ezintlanu ukusuka kwidolopana yase Mtata. Le Fam ubukulu bayo bukwi 1,100 acres, yaye inendlu efanelekileyo yo kuhlala Oyitengileyo wofamana ukuba yeyona Fam ilungileyo EZIMPAHLENI nase KULIMENI kulo Mandla. Ngohlobo lokutengisa, njalo-njalo, kobhalelwa kwi Ofisi ye "Mvo Zabantsundu," okanye ku

E. J. KLETTE, 3t27 Umtata.

YIYANI KWA

## C. A. JAY & CO,

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla yendlu yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.


## Umanyano nge Mfundo.

(N.E. A )

INTLANGANISO yo Manyano iyakuba se Debe lika Njikelana, ngolwesi Ne evekini, ngexesha le 10 kusasa "sharp," ngosuku lwe 7th July, 1891. Kuyakufundwa amapepa ngo Messrs. N. C. Umhalla, J. K. Bokwe, no Mr. K. M. Ncapayi. Kuya kubako ne Motion ye Union yabasebenzi base Bhai.

KENNETH McA. NCAPAY1,
Secretary N.E.A.

IMVO Office,
King William's Town, 22 June, 1891 227

## *ST. MATTHEWS—KEISKAMA HOEK.*

LE Sinala iya kuvulwa kwakona ngolwesi NE, JULY 21. Abafuna ukuba ngama Bhoda kwesama Bhoyisi nokuba kukwe Sentombi Isikula, mabatumele kamsinya kogama lingapantsi kuba zimbalwa indawo ezivulekileyo.

CHARLES TABERER,
Principal.

June 20, 1891. 397

## IMIBIKO

WAUCHOPE.—Kubhubhe ngostiku lwe 7 June, 1891 e Belera (Tinara) u POPY inkosikazi etandekayo ka William Wauchope. Ishiya inkedama ezine. Izihlobo mazimkele lombiko. 3t27

## Iveki.

U MR. SIVEWRIGHT, oko ebesifa, " ungcono."

NGELI liqwa leveki egqitileyo kuti kanti kuwa ikepu kozi Nkonkobe nangase Skapu.

ABANTU base Sidutyini babhala umtandazo wokuba babandakanywe ne Mvani ngocingo.

ILITYE lokuqala lomcancato owenziwayo pezu ko Mzimkulu libekwe nge 12 June ngu Mr. Thomas Hancock.

ISIPOMPOTELA e Tsojana esidlwengule intombazana saza sayirwitsha emva koko silivmile ityala, saza salindiselwa i Jaji.

I WOOL WASH yo Messr. Skinner no Mosel base Tinara itshe yenqu ngo Mvulo ongapaya, itshiswa ngumlilo ongaziwayo apo uvele kona.

KUTIWA kude kwangamaxesha amashumi matandatu kuvakala ukunyikima komhlaba ngolwesi Ne lwegqitileyo e Strajgung kwelase India.

IBUYE yana kunene imvula ekuveleni kwaleveki. Zifun' ukuti zixokozele izifuba ukuba azi yobakona ehlotyeni njengokuba iziminyela ebusika nje.

ZiseKO inkumbi kwimimandla epakati kwe Colesberg ne Philippolis. Ziyitye incha kangangokuba kungaziwa ngabemi belo ukuba iyakupila yintonina impahla ngobu busika. Hai yona ibhosisi iluhlaza bekutenjelwe kuyo.

UMLUNGU ongu Alahan oyigadi kwa Mgibisa e Kimberley uzibulele ngokuzidubula. Ushiye inkosikazi nentsapo engapandle ko mxelengeli wesonka namhla.

U MR STEPHEN JOHNSON, M.L.A., ilungu le Dike ne Ngqushwa licelelwe imvumelo ukuba liugabiko e Palamente nonyaka ngenx' enokuswela impilo entle.

UMONGAMELI weposi ucele abantu base Barkly East ukuba bayinike gama limbi londawo kuba kuko ukupitizela ekuhambeni kwencwadi ngenxa yenye i Barkly ese Ligwa.

SIGQIBELE ukuva kufunyenwe imizimba yabantu ekumashumi asixenxe bekumashumi amane anesibhozo abangekafunyanwa kobugoxo bokwapuka kwe treni e Switzerland.

U RULUMENI uvukalise ukuba uyukurola £300 ukuba kwakiwe umcancato owemka nomlambo pezu kwe Komani. Likangelwe i Bhunga elipete imicimbi yomzi ukuba lirole kwa eloxabiso.

IMANTYI yase Nanda e Natal igwebele kunyaka onenyanga ezintandatu isibonda somzi ontsundu wakona, ngokuvumela ukuba abantu balwe bodwa, abantu aba 206, badliwa ixabiso eliyakuba kwi £2,280.

KUFIKE indaba zokutsha komkombe oyi "Ludwig" elwandle ngokuti kubonwe selesitsha odwa amalahle ese siwafumene e Natal eso sikepe. Abantu bonke abebe kulonqanawa, eyesuka ngo February e Natal isaya e Australia, basindiswe kukwela ezikitshaneni.

KULENYANGA ifileyo kwafunyanwa isidumbu se netevu emlanjeni oli Ligwa, sangcwatywa. Kubeko amare okuba lomntu wayegoduka nemali eku £70 amakabe ubulewe zihange. Ubuye wakumbiwa ukuba kungqinwe lonto, kwafunyanwa ngu Dr. Smith ukuba okunene kunjalo.

ISIDUMBU sika Owen Shine, igwangqa ebelingumsebenzi mdala wendlela kaloliwe e Aliwal North sifunyenwe efameni ye Bhulu ngapaya kwe Burghersdorp, kubonakala ukuba sinexesha salala kona. Sifunyanwa ngokuti kubonwe ngumninimzi ngepistoli ivele ebhosini, ati eti uyayichola aqubisane nesidumbu, ekutiwa makabe uzidubule. Isizatu asaziwa.

E KIMBERLEY kusaseloko kuvakala isiwili sentswelo pakati kwabamhlopo ngokuswe leka komsebenzi. Umsi wenza ingxokozelo ukuba uncedwe ngu Rulumeni, lengxokozelo ipenjelelwa ngu Sir Thomas Upington nehlelo labo e Palamente ekubeni esiti u Rulumeni akuko sahluko e Kimberley kunakwezinye indawo, into efunwayo kukuba kuhlutwe u Vesile umhlaba wake.

# Imvo Zabantsundu

NGOLWESINE, JUNE 25,1891.

*AMACEBO OBUGQWIRA.*

IMPEMBELELO Yamabhu1u iqalile iyasixela isiqamo sayo kweli lise Mazantsi e Afrika, ekuyakufuneka abahlobo betu kwela Mangesi bevule amehlo. Siyayikupa i Natal kwindawo ezipantsi kwesitunzi gama Bhulu kuba iyindawo emiwe ngabamhlopo abavela kwela Mangesi ipela. Ukutsho ke sitsho kuba oko lwati lwabako Ubhalo apa olukulu kwahlala kuko umingimingi lokuba babhujiswe abamnyama. Maube awukuyilibali umzi inteto yomnumzana odumileyo kwihlelo Lamabhulu u Hon. J. H. HOFMEYR awayenza e Kimberley ngo March, esiti mabuvulwe utywala buzibulale intlanga ezintsundu ukuba kungaba kunyanisiwo ukuba kufuneka ele lilelomhlope. U Hon. J. X. MERRIMAN upalaze uluvo olukwanjalo lenteto ayenze e Bhai ngexesha lo Mboniso wokugqibela owaye ukona. Inteto yoluMobo sibe siqele ukuyiva kwipepa Lamabhulu i *Zuid Afrikaan,* ebiti inganamzwa bani. Sibe singalindele kodwa ukuba ingatelelwa lipepa ebesilikhumbulele njenge *Star* yase Johannesburg. Amanqaku elipepa lidumileyo ngamacebo okurodomsha amawetu epela. siwabeka pambi kwabalesi be Mvo, saye sihamba sihlala ngamfakamfaka indawo ezingamandla. Kuxa ibibhala ngenteto ka Mr. MERRIMAN nge Afrika i *Star* ukwenza kwayo lamacapaza :

U Mr. Merriman ube nobugwala ukuyi teta mhlope eyona nto amelwe kucinga yona amadoda apete ezombuso, eyile :— Macebo manina afuneka enziwe angati ngokutshetsha, kodwa ngendlela engasayikuba lisikizi *amkwelelise ebusweni bomhlaba umntu omnyama,*

Emva koko silesa kwakona indawo eti : -

Kuyabonakala ukuba umntu omnyama weli lizwe akenzakaliswa yintlalo yase mlungwini. Okwehla e Hayti, indawo alinganise ngayo n Mr. Merriman, kuyibonisa mhlope lonto. Oko elo laye limiwe ngabase Spain bafika bababhubhisa abantu ababafu. mana kwelo ngokukamsinya kanye, *ekupela kwesenzo sohlanga olunokubulelwa nokukunjulwa ngaso ngab*antu *bezimini.* Abamnyama banda ngokupindiweyo kunabamhlope, yaye into esijongene naye namhla *ikukuba sitame amaqinga oseniloko okungqumza oku kwando,* ekubonakala ukuba kuyakucima ukukanya kungatanga kucinywe kuko.

" Lamaqinga okungqumza " lifike elipepa liwatyile kwinteto elandelayo : —

Kumhlope ukuba kufuneka tina bamhlope [ silinge macebo wambi okuyilwa lemfazwe yomhlala pantsi. Kuqala masahlukane nokuzenza abatanda abantu, senze amaqinga andoqo Ixesha eli lonke umgudu wetu ' ibikukuhlangula abamnyama etywaleni, simpepisa omnyama kuzo zonke izinto ezibonakala zicaseni nempilo yake entle. Lonto mayipele. *Kusetywaleni apa esinokufumana eyona nto inokumggiba ontsundu.* Kulula ukuyigiba lenteto, kodwa no Mr. Merriman ngo kwake uyazi ukuba iyinene. Lifikile ixesha ukuba sityalusele ukuteta. Ewe, amadoda apeto Ibandla angafike ayifihle into okwanamhla, kodwa mzuzwana kobehle kufumaneke ukuba ukuyifihla budenge.

Injalo ke inteto yabatile kwabamhlope. Ngumnumzaua obefudula emoyamhle ngakuhlanga esilulo, u Mr. FRANCIS DORMER, ongu Mbhali we *Star* Kanti ke akuko tuba ukuba amawetu angenelwe yintaka ngetuba lenteto ezinjengezi. Okunene bona utywala bungambhubhisa, amakubulawe ngamandla ongu lungapilu luhlume uhlanga lwakowabo. Kodwa buko Kumangesi, Kumabhulu, kwakweli lizwe abangasakuyamkela lenteto yobugqwira siyanekileyo : nangapezu koko uko, awufile, umzi wase Mangesini pesheya kolwandle ongazanga wayipupa into enjengale ishunyayelwayo kweli namhla. Yintonina ke esingayitukutezelayo ?

*IZIKOLO ZABANTSUNDU.*

U MR. LEVEY, Imantyi ebekeke kunene yase Gala, kutiwa wenze inteto ebukali ngale ngxoxo ingentla. Isimo sake, amava anawo, kwanenkutalo anayo ukulutundezela pambili uhlanga lwakowetu—ezindawo ke zonke zimbangela okokuba into angayitetayo ngokupatelele kulomcimbi ibe yenokubekelwa indlebe. Okokuba ke lenteto ibe ingenziwanga ngumntu onjengayo singesingazikatazi ngokubonisa imposiso ekuyo. Kutiwa ke ngamapepa endawo ngendawo wenze lenteto elolulobo-:—" Mna " ngokwam ndiyicinga ukutiti " imfundo yeziko1o zakalokunje zabantsundu ba Pesheya kwe " Nciba iputile ayinaluto. Lento " ingumsebenzi ayihoyiwe nakancinane kwezo zikolo, kuba usapo luti xa seluvela kwindawo zemfundo lubaye lungazinto ngokusebenza kunoko belumke lunjalo."

Asinantloni ukuti lenteto iyimposiso. Saye ke sisiva kakubi kanjalo ukude umnumzana obekeke kanga ko u Mr. LEVEY abe wenze inteto elolulobo. Elixesha umnzi lwabantu luwakole umkanya umzi ontsundu, Sisiva sinyanzelekile, njengabayaziyo inqubo yezizikolo kweli lizwe, ukuba siyikanyise mhlope indawo yokuba usapo olufundayo *aluze luwashiye amakaya alo.* Kuyimposiso ke ukuba kutiwe, lubuyele emakaya lungamava lungenaluto kunoko belunqekayi."

Ukumiswa kwendawo sokufundisela, kuketwa indawo engumbindi emzini ukuba kunokwenzeka, ukuze usapo lonke olufundayo lumane lufunda lubuyela kwasemakaya imihla yonke. Usapo ke olungenjenjulo lolufunda kwizikolo ezikulu, ekungade kuzekeliswe ngalo ngokutiwa lumka ukuya kufunda lubuye lubuyele kwasemakaya Onokuti lento ingumsebenzi ayihoyiwe kwezondawo zemfundiso asingeze siziqekeze intloko yetu ngaye, ngokukodwa njengokuba u Dr. STEWART ode wabhala incwadi ekutiwa yi Lovedale *Past and Present,* ebalisa ngododana olwafunda e Dikeni, ecazu umsebenzi owenziwa lulo.

Kanjako masiyikanyeze mhlope, kwabo bangasinto ngokuma kwezinto, okokuba usapo lonke olufundayo kwizikolo zabantsundu zangapandle luti, pambi, nangasemva kokuya ezikolweni, kelusebenze kunene njengolunye usapo. Okoke kuyinyaniso, ngangokuba ngamaxesha okulima nokucheba ungafika kunqabile ukufumana usapo luhamba ezikolweni kakuhle. Umntu ke oteta ngolosapo lunjalo siti uyaposisa xa ati alupati nento le xa lufundayo; kupela luqeqeshelwa ekufundeni nasekubhaleni njengokungati kupela kwezinto eziluncedo kububom. Malungana ke nalendawo ezizikolo zangapandle zipakati kwabantsundu kupela ziqeqesha ixesha elincinane imihla ngemihla, azigqibi mini yonke, nanjengokuba ke ikukudala izikolo ezimi pakati kwabantsundu asikolwa ukuba ziko pakati kwabo ezinjengezo zitetwa ngu Mr. LEVEY. Ewe, luko usapo olungavumaniyo nokuya emfundweni pakati kwezondawo zinezikolo zabantsundu, oluti ke ngenxa yokutyesha kwakazali balo lusuke lube ngamadungudwane angapati nento le, kunolo luhamba emfundweni, oko ke asikutandabuzi siyakungqina. Indawo kodwa esimelene nayo yilenteto ka Mr. LEVEY elahlekisayo nengenasiseko, ngetuba lokokuba akuko bantwana bafundiswayo balolohlobo lunjalo, benziwa yimfundo abanikwa yona, baye abasisiqamo semfundiso yanamhla beveliswa kukuti abazali batantamisane ngosapo kunye nofundisayo. Lamanqaku siwenza nje noko akatinteli ndawo zingalungiswayo ekuhambise1eni pambili imfundo, kodwa okwakaloku nje imfundo isaquba kakuhle, nongaba uyayikalazela uyibeka isisihla esingayifaneleyo.

OMKE NE NGCISININDE.—Ngo 8 June, ngalomvulakazi kuinke indodana ne Ngcisininde yakwa Lutuli xa ibibuya e Tsomo ngokufika lizele, ihambanomyeni wodade wayo, osinde naye seleke amlala walahlekana nehashe, yemka indodana leyo. Into ede yagqitisa ububi akakafunyanwa nanamhla, akukabonwa nomnqwazi ombala, ngapandle kwebhatyi { enkulu awayengayifakanga ngemikono. ' Lusizi kubazali bake, yinqaba nokuza kufuna kuba i Tsomo lisazele. Ingcisinide nnngumfula asinguwo mlambo.

# INDABA.

SIVA ngonorauzana ukuba JUBILEE YE LOVEDALE. kuko elipantsi lokuba kubeko into ebalulekileyo eyenziwayo uku Khumbuza i Jubhili ye Lovedale eyakuba ngawo lonyaka. Kuvakala ukuba kuse kulindelwe ukufika kuka Dr. Stewart ukuba kugqitywe kwekugqilywa kulo. Onyana nentombi ze Lovedale asitandabuzi ukuba baya kuyivuyela nokuba yintonina eyenziwayo ukukhumbuza elixesha libaluleke kunene lebali lesikolo sabo esidala, esingavuya tina oko kwenziwe ngendlela eyakuba yencomekayo kanye ifanele ubuhle nobukulu be Lovedale.

SIYAKUVUYELA ukuxhaswa UKUGXOTWA KOTYWALA NGABA NTSUNDU. lipepa lase Rini i *Grocott's Penny Mail* kumcimbi wotywala. Eli pepa liyalitakazela icebo letu lokuba ukuvalwa kotywala ingabi yinto yabavoti bodwa; kodwa abahlauli berafu babenezwi nabo. Into yokuba bunikelweku bavoti utywala — ukubugxota nokubuvala — ingalunga kwabamhlope bodwa ; inengozi kwabantsundu. La ngamazwi e *Penny Mail:*— " IMVO inyanisile kweli lokuti ukuba ayakulunga kubavoti bodwa amandla okuti mayivulwe inkanti kwindawo ezilunge kwabantsundu, okanye ngabo bodwa abanokuti mayivalwe ukuba ifunyenwe ukuba iyonakalisa, alisakuba nto yaluto igunya lontsundu, kuba bembalwa abasemqulwini wabavoti. IMVO iti yona makuti emcimbini wotywala bonke abaraii banikwe amalungelo abavoti, babenelungelo ukulaulwa kwimicimbi yotywala kwindawo ezikufupi nabo, Elicebo lelifanele ukuqwalaselwa ngenyameko."

AMANANI alike amoyisa AMANANi no Mpatiswa - Mihlaba ASE ukuba, oko ebenga anga- GLEN GREY. shinta umhlaba wase Glen Grey xa kucandwayo, aselencamela abantu bakona adweliswe kwi pepa lase Dordrecht, elati lakuyiva into yolushinto lakaba ngamanqina omane, ngamazwi ati, " Silangazelela ngokushushu ukuba banga bangati bonke abantu bobulungisa, natemfanelo, nabacinga kakuhle, bamahlelo onke ombuso, bayikalimele lento yempango ekwabubutshijolo. Ayintoyimbi ngapandle kokukohlisa abanini mhlaba abawumi ngemfanelo, abangabantu abakuteleyo, boxolo, nabaqubela pambili, abantu kanjaqo abahleli ngosiko, abanqubelo pambili ngokukodwa kuleminyaka ipelayo, pakati kwengxakeko ezinkulu, ite yayebalulekileyo. Olubalo lusand' ikugqita luvelise ukuba umahlulo we Glen Grey unabantu abantsundu aba 39,815; imfuyo yabo ezinkomo namahashe ikwi 83,436; ezigusha ne bhokwe i 262,211. Nyakenye ezinetevu zivune 130,116 ingxowa zombona namazimba, 41,335 ingxowa zezinye into ezityiwayo (ingqolowa ne rasi) ; 255,002 izitungu zehabile ; elixa imihlambi yazo ivelisa 801,911 iponti zobunzima boboya. Ezinyaniso namanani awanakugqitwa bantu. Siqinisekile ukuba u Mr. Graham uvakubeka pambi ko Rulumeni ingxelo enyanisekileyo, efanelekileyo, nengeyiyo yakete, emva kokupioota ngenyameko; baye abantsundu bengahlala ngetemba ukuba amalinga okubahluta imfanelo ayakukalinyehva ngomsindo aliwe ngama Ngesi anesitunzi azingca ngokutanda imfanelo engateni naludidi nabala."

INTO eyoyikewayo yi OKOYIKELWA YI HERALD."*Herald,* ipepa lend aba lase Bhai, kwicebo letu "lokuba kumteto omtsha wotywala kuvote nabahlauli berafu, kukuba " nabani olike kuqala unokuyifumana ivoti yontsundu nokuba ngofuna bumi nokuba ngofuna buqetulwa utywala." Eletu kulenteto kukuba elipepa alimazi kakuhle umntu ontsundu xa liteta ngalendlela. Sibe siba seleqondiwc umntu wakowetu kwinto zevoti ukuba akafutnane afunyanwe nokuba uqutywa ngezotuso'nokuba kungemali, Mayibe ikulibele i *Herald* okenziwa ngamawetu ase Qonce ngovoto olukulu apa ekwaye kubambono ilungu lika Rulumeni, elaye lihamba lizitsho ngewonga lalo, nangesitunzi salo, amkela u Mr. Solomon owayengabatembisi luto, kuba enyanisa kwinto zobulungisa obuqondakalayo kuwo. —•

LOMNUMZANA ungu Mpa- u MK. J. X. liswa - Ndyobo kumbuso MERRIMAN wase Kapa unenteto ende KAMA ayenze kwi Bandla Lama- AFRIKA. dodana Lobukristu lase Kapa ugozizwe zaso Afrika, ngokukodwa ezatinjwa kweli zasiwa e Amerika. Ubonise ukuba impato embi yabantu itika ibe nexesha ekuti ababndezeli babhukuqwe kwangabantu abebebabandezela, ate kufuneka bona njngohlanga olupatiswe abantsundu ngu Mdali bazipate izizwe ngemfanelo basinyamezele.

I " HERALD " yase Bhai INZIMA yalata into ohleli ungaya- ETWELWEYO. zi umzi omninzi oyaktua ukuva ukuba uhleli nje utwele nzima. "Umntu omele elipetwe e Kapa uyisela ngosizi ikofu yake, kuba erola 12s. 6d. ngekulu leponti layo, ekubeni owase Natal erola ngekofu ekwa-ngako 1s. 2d. Umntu wase Kapa uyirola lemali ngokunyanzelwa yi Bonti ukuzo utywala bungarafelwa. Lento ayina kupikwa, yaye isalata nbukulu besitunzi se Bonti yase Ntshonalanga enyanzele ifama lase Mpumalanga ukuba liyilandele. I Bhulu lase Ntshonalanga lilenze ifamalase Mpumalanga ukuba lirole iratu ezinkulu ukuze ibrandi ikululeke; liyazi ifama leli ukuba ibrandi etshipu iteta ukonkala kwezicaka, ingumtombo wobusela bempahla. Lento ayina kuma imi ixesha elide, umangaliso kukuba kude kube namhla iko." Kambe lemali ilishumi lesheleni eline liafugolweni kutiwa siyi-afa ngo l00lbs ihlaulwa emazibukweni enqanawa ukufika kwe kofu kweli lizwe.

INKOSANA yama Sodati u INQUBO Lieut-Colonel Knollys YOMBUSO (Nolisi) ikwa nesipiwo WAMAZANTsi sokubhala ngobugeisa e- E AFRICA. mapepeni. Yaka kwezinyanga zigqitileyo yabhla kwi *Blackwoods Magazine* ngohlobo olwabeta washukuma umzi upela welipetwe e Kapa ngendlela ebuhlazo agcinwe ngayo amaqenqa akwisiqiti ekutiwa yi Robben Island. Namhla ubhale kwa-

